**EyeDwarha - October 2016**

Ubulungiseleli be TWR

Zihlobo Ezithandekayo,

Lixabiso elikhulu kakhulu ukuhlanganiselana nani kobu bulungiseleli bomthandazo wehlabathi lonke. Nilisebe elibalulekileyo kwiqela u Project Hannah. Uthando nemithandazo yenu ibaluleke kakhulu kuthi kwaye ifuneka ngeli xesha!

Zisabumbene njalo iintliziyo zethu kule nyanga, ndinqwenela omnye nomnye wethu acebe ukuthandazela ukwazi, kutsho ukuthini ukuthi "Indlala nokunxanelwa uThixo. Ukumazi ngaphezulu kokumazi,ukumdumisa nangaphezulu, nokubalekela kuye ukufumana ithemba nokuphiliswa xa sixhwalekile. Ukubanazo ezo zinto sizifunayo kakhulu ebomini kuye uMdali noMenzi wethu.

Ndiyakholwa abafazi abamlambeleyo kakhulu uThixo banganegalelo ngoYesu ehlabathini. Kananjalo, siyizuze nathi leyo mpilo, kufuneka sizingise ukuthabatha amanyathelo kwizinto zikaThixo ezakuyanelisa imiphefumlo yethu. Ekukhuleni njalo sikhulelwe bubunzulu bokumlambela nangakumbi uThixo ngomthandazo, kufanele senze indlwana zokuhlala uThixo empilweni zethu.

UYesu uthi, "Banoyolo abalambela banxanelwe ubulungisa; ngokuba baya kuhluthiswa bona, (uMateyu 5:6). Ngoko, kutheni singamboni nangaphezulu kokuba siwabona nje amandla kaThixo? Impendulo ilula: Singcwele zizinto ezikude lee noThixo.

Ndizibuzile ndathi, "Zikhona na izinto empilweni yam ezifaneleke ndizinikele kuThixo zisuke endlwini endiyibekele yena, ukuze abenendawo yokuhlala, ubukho namandla endlwini yakhe? Ngaba nyhani nyhani ndimlambele uThixo? "Ndakhe ndeva mfazi uthile ebuza loo mbuzo, "Ndibanguye kanjani umfazi kaThixo?" Impendulo yam yaba yile: ukuze ube nguye umfazi kaThixo, masifumane uThixo nangaphezulu.

Masimfumane ngobukho namandla empilweni zethu. Masimlambele sinxanelwe ubulungisa bakhe,ubulungisa obuvela ekwazaneni noYesu kuphela. Xa silangazelela ubuhlobo obunzulu naye, siyagcwaliswa sanele.

Nank`umbuzo, "Umlambele nyani uThixo?" Ulambe ngokwaneleyo na ukuba ungabalekela kuye, ulile kuye njalo ngoba engoyena mhleleli wakho ekukhuleni ngokomoya, engumphilisi?

Ndilambile mna ngokomoya, ndimnxanelwe mihla lee. Ndiyathemba nawe ungokunjalo. Imithandazo yethu namhlanje mayivuselele abanye nabo banxanelwe uthando olunzulu kunye noThixo ngayo iNkosi yethu uYesu Krestu!

Ndikuye, iintliziyo zethu mazigcobe,

Peggy Banks
Global Ministry Director
Project Hannah